SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**IMIYALELO NEENKCUKACHA**

1. Eli phepha lemibuzo lineCANDELO A neCANDELO B ngokusekwe kwisikhokelo esimiselwe yiCAPS.

   **ICANDELO A: IMIBUZO ENGEMITHOMBO**

   UMBUZO 1: UQHANKQALAZO LOLUNTU, KOO1970 UKUYA KOO1980: EMZANTSI AFRIKA

   UMBUZO 2: UKUFIKA KWEDEMOKHRASI EMZANTSI AFRIKA NOKWAMKELA OKWADLULAYO

   UMBUZO 3: UKUPHELA KWECOLD WAR NEMITHETHO YEHLABATHI EMITSHA, NGO1989 UKUZA KUTSHO NGOKU

   **ICANDELO B: IZINCOKO**

   UMBUZO 4: UQHANKQALAZO LOLUNTU, KOO1970 UKUYA KOO1980: EMZANTSI AFRIKA: INTLEKELE YOCALUCALULO NGOKOBUHLANGA NGEMINYAKA YOO 1980

   UMBUZO 5: UKUFIKA KWEDEMOKHRASI EMZANTSI AFRIKA NOKWAMKELA OKWADLULAYO:

   UMBUZO 6: UKUPHELA KWECOLD WAR NEMITHETHO YEHLABATHI EMITSHA: IZEHLO ZOWE 1989

2. ICANDELO A linemibuzo EMITHATHU esekwe kwimithombo. Imathiriyeli efunekayo ukuphendula le mibuzo ingafumaneka kwiSIHLOMELO.

3. ICANDELO B linemibuzo EMITHATHU yezincoko.

4. Phendula imibuzo EMITHATHU ngolu hlobo:

   4.1 Ubuncinane umbuzo OMNYE kufuneka ube ngosekelwe kumthombo ze OMNYE ube sisincoko.

   4.2 Umbuzo WESITHATHU unokuba ngumbuzo osekelwe kumthombo okanye isincoko.

5. Uyacetyiswa ukuba uchithe ubuncinane iyure ENYE ngombuzo ngamnye.

6. Xa uphendula imibuzo, sebenzisa ulwazi, isakhono nokuqonda kwakho.

7. Uya kuvinjwa amanqaku ngokukhuphela imithombo yolwazi njengeempendulo.

8. Nombola iimpendulo ngokuchanelekileyo ngokwenkqubo yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.

9. Bhala cocekileyo nangokucacileyo.



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO A: IMIBUZO ENGEMITHOMBO

Phendula ubuncinane umbuzo ube MNYE, kodwa ungadluli kwimibuzo EMIBINI kweli CANDELO. Imathiriyeli eza kusetyenziswa ekuphenduleni le mibuzo iqulethwe KWISIHLOMELO.

### UMBUZO 1: ICONGRESS YE SOUTH AFRICAN STUDENTS (COSAS) YAMCHASA NJANI URHULUMENTE WOCALUCALULO NGEMINYAKA YEE1980?

Funda iMithombo 1A, 1B, 1C no1D uze uphendue imibuzo elandelayo.

1.1 Funda uMthombo 1A.

1.1.1 Ngokwalo mthombo, iCOSAS yayizinikele kwintoni? (2 x 1) (2)

1.1.2 Xela iingxelo zenkolelo zibe MBINI ezamkelwa yi COSAS. (2 x 1) (2)

1.1.3 Usebenzisa ulwazi olukumthombo nolwazi lwakho chaza ukuba kutheni iCOSAS yamkela umxholo othi, ‘Student-worker Action’. (1 x 2) (2)

1.1.4 Phawula ukuba ucinga kutheni ulwazi olukumthombo luluncedo xa uphanda izizathu zokusekwa kweCOSAS. (2 x 2) (4)

1.2 Jonga uMthombo 1B.

1.2.1 Loluphi uhlobo lwamaqhinga oqhankqalazo, ngokutsho komthombo, enziwa phantsi kwebhanile yeCOSAS? (2 x 1) (2)

1.2.2 Ucinga ukuba yayiyeyiphi imiba ezikolweni eyakhokelela kugwayimbo lwezikolo? (2 x 2) (4)

1.2.3 Chaza igama *ugwayimbo* ngamazwi akho. (1 x 2) (2)

1.2.4 Phawula ngentsingiselo ethethwa yi COSAS kwisilogeni ‘Liberation before Education.’ (2 x 2) (4)

1.3 Sebenzisa uMthombo 1C.

1.3.1 Yeyiphi imiyalezo egqithiswayo kwipowusta malunga nezizathu zezinyanzeliso ezenziwe yiCOSAS? (2 x 2) (4)

1.3.2 Xela izithethi eZIMBINI kule nkomfa njengoko kubonisiwe kwipowusta. (2 x 1) (2)

1.4 Thelekisa uMthombo 1B no Mthombo 1C. Cacisa ukuba ulwazi olukuMthombo 1B lubuxhasa njani ubungqina obukuMthombo 1C ngendima eyadlalwa yiCOSAS ukuchasa urhulumente wocalucalulo. (2 x 2) (4)



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



1.5 Jonga uMthombo 1D.

1.5.1 Ngokomthombo, kwakutheni ukuze uMogale abanjwe? (1 x 2) (2)

1.5.2 Xela iziphumo zibe MBINI ingcinezelo karhulumente eyaba nazo kubafundi. (2 x 1) (2)

1.5.3 Phawula ngento eyayithethwa sisithethi seCOSAS kule ngxelo ilandelayo, “Siza kungqina ngezenzo ukuba iBantu education ikhohlakele. Siza kuyivukela de ibe ichithwe ngokupheleleyo, ilahlwe kumgqomo wembali kwaye ingcwatywe kube kuphelile.’ (2 x 2) (4)

1.5.4 Chaza igama *State of Emergency* kumxholo wokusabela kukarhulumente kuvukelo lwabafundi. (1 x 2) (2)

1.6 Usebenzisa ulwazi olukwimithombo echaphazelekayo nolwazi lwakho, bhala umhlathi omigca ESIBHOZO (amagama angama80) ucacisa indlela iCOSAS eyamchasangayo urhulumente wocalucalulo ngeminyaka yoo 1980. (8)

**[50]**



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## UMBUZO 2: YAJONGANA NJANI ITRUTH AND RECONCILIATION COMMISSION NOKUBULAWA KWEGUGULETHU SEVEN?

Funda iMithombo 2A, 2B, 2C no 2D uphendule imibuzo elandelayo.

2.1 Funda uMthombo 2A.

2.1.1 Ngokwalo mthombo, sesiphi isiganeko esibonisa ukunyuka okumangalisayo kohlaselo kuxhotyiwe ngabasebenzi beMK? (1 x 1) (1)

2.1.2. Chonga iiaskari EZINTATHU, ngokutsho komthombo, ezasasazwa nguMajor General Griebnouw eNtshona Koloni ukuze zigqobhozele kwiGugulethu Seven. (3 x 1) (3)

2.1.3 Phawula ukuba ucinga kutheni uMajor General Griebnouw wacela uncedo kwiVlakplaas. (2 x 2) (4)

2.1.4 Chaza igama *askari* ngamazwi akho. (1 x 2) (2)

2.1.5 Kwimeko yokubulawa kweGugulethu Seven, phawula ngale ngxelo ilandelayo malunga nesimo samapolisa, “Onke afumana amanxeba amaninzi okudutyulwa emizimbeni yabo: onke badutyulwa entloko: omnye icala lobuso bakhe lalidlakaziwe”. (2 x 2) (4)

2.2 Jonga uMthombo 2B.

2.2.1 Xela amapolisa amaBINI, njengoko ecatshulwe kumthombo, afaka isicelo soxolelo ngokubhubha kweGugulethu Seven. (2 x 1) (2)

2.2.2. NgokukaMbelo, kwakutheni bekuya kuba lula ukubamba iGugulethu Seven? (1 x 2) (2)

2.2.3 Phawula ukuba ucinga kutheni iTRC yamnika iamnesty uMbelo. (1 x 2) (2)

2.2.4 Cacisa ngokuthembeka kwalo mthombo kumbhali-mbali ofunda ngendibano zeTRC. (2 x 2) (4)

2.3 Sebenzisa uMthombo 2C.

2.3.1 Yeyiphi imiyalezo egqithiswayo kwikhathuni malunga neenjongo zeTRC? (2 x 2) (4)

2.3.2 Chonga inkokeli yeTRC eyayikhokela le nkqubo. (1 x 2) (2)

2.4 Thelekisa uMthombo 2B no2C. Cacisa ukuba ulwazi olukuMthombo 2B lubuxhasa njani ubungqina obukuMthombo 2C malunga nemisebenzi yeTRC. (2 x 2) (4)



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



2.5 Jonga uMthombo 2D.

2.5.1 Xela amatshantliziyo amaBINI ezopolitiko akumthombo awabulawa ngamapolisa ngo1985. (2 x 1) (2)

2.5.2 Cacisa ukuba uNomvewu Ngewu wayethetha ukuthini kwingxelo yakhe. “Asifuni ukubuyisela ububi obenziwa ziperpetrators esizweni. Sifuna ukubonisa ubuntu, kubo ukuze nabo babuyisele ubuntu babo.” (2 x 2) (4)

2.5.3 Chaza igama amnesty kumxholo wengxoxo ze TRC. (1 x 2) (2)

2.6 Usebenzisa ulwazi olukwimithombo echaphazelekayo nolwazi lwakho, bhala umhlathi omigca ESIBHOZO (amagama angama80) ucacisa ukuba yajongana njani ikomishoni yeNyaniso noXolelwaniso nokubulawa kwe Gugulethu Seven. (8)

**[50]**

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 3: IGLOBALISATION YALUCHAPHAZELE NJANI UQOQOSHO LWAMAZWE ASAKHASAYO?**

Funda imithombo 3A, 3B, 3C and 3D uze uphendule imibuzo elandelayo.

3.1 Jonga uMthombo 3A.

3.1.1 Chaza igama elithi *globalisation* ngamazwii akho. (1 x 2) (2)

3.1.2 Ngokomthombo, kwakutheni, izinga leglobalisation lalikhulile kwiminyaka yakutshanje? (2 x 1) (2)

3.1.3 Caphula iziqwenga eZIMBINI zobungqina obuvela kumthombo ezibonisa indlela amashishini azuze ngayo kwiglobalisation. (2 x 1) (2)

3.1.4 Phawula ucinga kuthetha ukuthini, "Ishishini leempahla eBangladesh liqeshe abantu abaqikelelwa kwizigidi ezine, kodwa umqeshwa nje oqhelekileyo ufumana umvuzo wenyanga ongaphantsi kunomvuzo wosuku womsebénzi waseMerika." (2 x 2) (4)

3.2 Funda uMthombo 3B.

3.2.1 Usebenzisa ulwazi olufumaneka kumthombo kunye nolwazi lwakho, chaza ukuba kwakutheni abasebenzi bangaphandle nabasebenzi besweatshop baxhasa isenzo esichasene neglobalisation. (2 x 2) (4)

3.2.2 Caphula ubungqina obuvela kumthombo obubonisa ukuba abanye babaqhankqalazi babeyazi imisebenzi yeWorld Trade Organisation. (2 x 1) (2)

3.2.3 Ngokomthombo yeyiphi imiba eMIBINI, abaqhankqalazi ababengonwatyiswanga yiyo, malunga nokusebenza kweWorld Trade Organisation? (2 x 1) (2)

3.2.4 Phawula ngokusilela komthombo kumbhalimbali ofunda ngendima iWTO eyayidlalayo kwi globalisation. (2 x 2) (4)

3.3 Sebenzisa uMthombo 3C.

3.3.1 Yeyiphi imiyalezo edluliswa yikhathuni malunga neglobalisation? (2 x 2) (4)

3.3.2 Ngokutsho kwekhathuni, yeyiphi impembelelo, ukufuduswa kwemveliso kwaba nayo kwiUSA? (1 x 2) (2)



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



3.4 Funda uMthombo 3D.

3.4.1 Ngokolwazi olukumthombo, kwakutheni imulti-national companies zaya zagqiba ukuba zifumane imizimveliso yazo kumazwe aphesheya? (2 x 1) (2)

3.4.2 Chaza igama *multi-national corporations* kumxholo weglobalisation. (1 x 2) (2)

3.4.3 Usebenzisa umthombo kunye nolwazi lwakho, chaza ukuba multi national companies zabasilelisa njani abantu abaqhelekileyo kumazwe asakhasayo. (1 x 2) (4)

3.4.4 Cacisa ukuba imulti-national companies zazuza njani kwiglobalisation. (1 x 2) (2)

3.5 Thelekisa uMthombo 3C no3D. Cacisa ukuba ulwazi olukumthombo 3C lubuxhasa njani ubungqina obukumthombo 3D malunga nendlela iglobalisation ewachaphazele ngayo amazwe asakhasayo. (2 x 2) (4)

3.6 Usebenzisa ulwazi olukwimithombo echaphazelekayo nolwazi lwakho, bhala umhlathi omigca ESIBHOZO (amagama angama80) ucacisa indlela igloblalisation eyachaphazela ngayo uqoqosho lwamazwe asakhasayo. (8)

**[50]**

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO B: IMIBUZO EMIDE

Phendula, ubuncinane umbuzo ube MNYE kweli candelo kodwa ungadluli KWEMIBINI.

Isincoko sakho masibe malunga namaphepha AMATHATHU ubude.

### UMBUZO 4: UQHANKQALAZO LOLUNTU, KOO1970 UKUYA KOO1980:EMZANTSI AFRIKA: INTLEKELE YOCALUCALULO NGOKOBUHLANGA NGEMINYAKA YOO1980

Kungenxa yempembelelo yeBlack Consciousness Movement (BCM) apho abantu abaNtsundu baseMzantsi Afrika bakwaziyo ukuchasana norhulumente wocalucalulo ngeminyaka yoo1970.

Uyavumelana nale nkcazo? Xhasa ingxam yengxoxo yakho ngokusebenzisa ubungqina obufanelekileyo. **[50]**

### UMBUZO 5: UKUFIKA KWEDEMOKHRASI EMZANTSI AFRIKA NOKWAMKELWA OKO KWADLULAYO: ISIVUMELWANO ESIXOXELWEYO NEGNU

Ukuzinikela nokuzimisela kweenkokeli zezopolitiko namaqela awahlukeneyo ekugqibeleni kwakhokelela ekuphelisweni kocalucalulo, nokusekwa koMzantsi Afrika wedemokhrasi.

Xoxa nzulu ngale nkcaza. Xhasa ingxam yengxoxo yakho ngokusebenzisa ubungqina obufanelekileyo. **[50]**

### UMBUZO 6: UKUPHELA KWECOLD WAR NEMITHETHO YEHLABATHI EMITSHA: IZEHLO ZOWE1989

Cacisa ukuba ukuwa kobukomanisi kwayinceda kangakanani na iANC neNP ukuba ziqonde ukuba esona sisombululo eMzantsi Afrika yayiluthethathethwano.

Sebenzisa ubungqina obufanelekileyo ukuxhasa ingxam yengxoxo yakho. **[50]**

**AMANQAKU EWONKE: 150**



SA EXAM PAPERS